



Funa uncedo ngokukhawuleza: fowunela u-107

Fowunela inombolo engahlawulelwayo u-107 kwifowuni yasendlini ukufumana uncedo ngexesha likaxakeka. Xelela umntu ophenduleyo igama lakho kunye nedilesi yasekhaya uze uphendule imibuzo. Jongisisa ukuba inombolo yendlu yakho icacile na ukuze abantu abaza kukunceda bakwazi ukufika kuwe ngokukhawuleza.

Ukuba ufowuna kwiselula, fowunela u-021 480 7700.

Idilesi yasekhaya ithi:



Funa uncedo ngokukhawuleza: fowunela u-107	Ewe	Hayi
1. Xa kuqhambuka umlilo, kufuneka ufowunele bani xa ufuna uncedo?	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
a. Abamelwane bakho.	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
b. Amapolisa.	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
c. U-107.	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
2. Ingaba usapho lwakho lulonke luyazi ngenombolo yexesha likaxakeka u-107?	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
3. Ingaba umbhalile u-107 kufutshane nefowuni yakho apho wonke umntu anako ukumbona?	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Diye bantwana

Ndingumcimi-mlilo wakho onobubele, le yinja yam uMax. Abantwana abaninzi bayonzakala emililweni rhoqo ngonyaka. Nazi izinto ezibalulekileyo **ezisixhenxe** eziya kukunceda ekubeni ukhuseleke emlilweni.



Funda umyalezo ngamnye kule isixhenxe kunye nosapho lwakho nabahlobo. Thethani ngemifanekiso nize niphendule imibuzo esemazantsi kwiphepha ngalinye.

Khumbula: ukhuseleko lomlilo nobomi luqala ekhaya.

Yabelana ngoko okufundileyo nabahlobo bakho kunye nosapho!

Nantsi indlela onokwenza umahluko ngayo:

- Xelela abantu abadala ukuba bagcine iimatshisi neelayita kwindawo ekhuselekileyo: zingabonakali, zingafikeleleki futhi zingabikho ezingqondweni zabantwana abancinci.
- Funda indlela 'yokuma, uwe uze uziqengq' kwaye ukhasele ngaphantsi komsi. Fundisa oku usapho lwakho kunye nabahlobo.
- Funda ngendlela yokupholisa indawo otshe kuyo.
- Hlanganini nilusapho lulonke ukuze nicwangcise indlela yokuphepha umlilo.
- Qinisekisa ukuba uyayazi idilesi yekhaya lakho nendlela yokufowunela u-107 ufune uncedo ngexesha likaxakeka.

Olu luhlu lwezinto ekufuneka ziqwalaselwe luyafumaneka ngolwimi lwesiNgesi nolwesiBhulu.

Nceda uqhagamshelane nathi ukuba ufuna ukufumana olu luhlu ngolwini oluthile.



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.

**UKHUSELEKO LOMLILO
NOBOMI EKHAYA
ULUHLU OLUJOLISWE
ESIKOLWENI**



Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.



Gcina iimatshisi neelayita kwindawo ekhuselekileyo

Ukudlala ngematshisi neelayita kuyingozi kuba umlilwana omncinci ungangalawuleki ube mkhulu kakhulu.

Iimatshisi neelayita kufuneka zigcinwe ngokukhuselekileyo zingabonakali, zingafikeleleki futhi zingabikho zingqondweni zabantwana.

Ukuba ufumene iimatshisi okanye iilayita, xelela umntu omdala ukuba azibeke kwindawo ekhuselekileyo.




Gcina iimatshisi neelayita kwindawo ekhuselekileyo	Ewe	Hayi
1. Ingaba iimatshisi neelayita zigcinwa kwiindawo ezingabonakaliyo, zingafikeleleki futhi zingekho zingqondweni zabantwana kwikhaya lakho?	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
2. Ukuba akunjalo, ingaba ubaxelele abazali bakho ukuba bazibeke kwindawo ekhuselekileyo?	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
3. Ungamxelela umntu omdala ukuba ubona umhlobo wakho edlala ngematshisi okanye iilayita?	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>



Pholisa ukutsha

Thatha inyathelo ngokukhawuleza lokupholisa isilonda sokutsha. Tshiza indawo etshileyo ngamanzi okanye ufake indawo etshileyo emanzini kangangemizuzu engama-20.

Xelela abazali bakho ukuba basebenzise amanzi aphilileyo futhi bangaze bafake ikhrim, ibhotolo, amafutha, i-ayisi okanye intlama yamazinyo kwindawo otshe kuyo. Ezi zinto ziya kwenza isilonda sokutsha sibe mandundu ngakumbi.



Pholisa isilonda sokutsha kangangemizuzu engama-20.

Pholisa ukutsha	Ewe	Hayi
1. Kufuneka wenze ntoni xa utshise isandla sakho:		
a. Pholisa isilonda sokutsha emanzini aphilileyo	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
b. Yima, uwe uze uziqengqae	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
c. Faka ibhotolo kwisilonda sokutsha	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
2. Ingaba ubafundisile abazali bakho ngendlela yokupholisa ukutsha?	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>



Yima, uwe uze uziqengqe

Ukuba iimpahla zakho ziye zabambeka emlilweni, thatha inyathelo ngokukhawuleza lokucima amadangatya.




YIMA ungabaleki.



Ziphosele phantsi **UZE** wogqume ubuso bakho ngezandla zakho.



ZIQENGQE, uziqengqe ukucima amadangatya.

 Yima, uwe uze uziqengqe	Ewe	Hayi
1. Kufuneka ume nini, uwe nini futhi uziqengqe nini:		
a. Xa iimpahla zakho zibambeke emlilweni.	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
b. Xa utshise isandla sakho esitovini.	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
c. Xa usiva isixhobo sokulumkisa ngomsi.	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
2. Ingaba ulufundisile usapho lwakho lulonke ngokuma, uwe futhi uziqengqe?	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>




Vuka! Funa isixhobo sokulumkisa ngomsi!



Uninzi lwemililo ezindlini iqala ebusuku. Isixhobo sokulumkisa ngomsi siya kukuvusa ngaphambi kokuba umlilo uvuthe ude ungalawuleki kwaye ubemkhulu. Kengoko funa isixhobo sokulumkisa ngomsi; singasindisa ubomi bakho!

Xa usiva isixhobo sokulumkisa ngomsi, akukho kulibazisa-xesha. Musa ukuzama ukuhlangula izinto zakho. Phuma endlini ube ngaphandle!


 Vuka! Funa isixhobo sokulumkisa ngomsi!	Ewe	Hayi
1. Ukuba uva isixhobo sokulumkisa ngomsi, kufuneka wenzeni?		
a. Guquka uphinde ulale.	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
b. Phuma endlini ube ngaphandle!	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
c. Hlangula izinto zakho.	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
2. Unaso isixhobo sokulumkisa ngomsi kwikhaya lakho?	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
Ukuba awunaso, ubacelile abazali bakho ukuba kufuneka basithenge?	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>




Cwangcisa indlela yakho yokuphepha umlilo

Abantu abaninzi bavaleleka ezindlini zabo ngaphakathi xa kuqhambuka umlilo.

Cwangcisa indlela yakho yokuphepha umlilo. Qinisekisa ukuba ayinyanga indlela yokuphuma kwigumbi ngalinye ukuze ukwazi ukuphepha umlilo ngokulula. Khetha indawo ekhuselekileyo eniza kudibana kuyo ngaphandle kwikhaya lakho. Ziqhelanise nesicwangciso sakho sokuphepha umlilo nosapho lulonke.



 Cwangcisa indlela yakho yokuphepha umlilo	Ewe	Hayi
1. Ingaba uyicwangcisile indlela yokuphepha umlilo kwikhaya lakho?	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
2. Ingaba ayinyanga indlela yokuphuma kwigumbi ngalinye?	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
3. Ingaba niziqhelanisile nesicwangciso sakho sokuphepha umlilo kunye nosapho lulonke?	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>




Khasa ngaphantsi komsi

Ukuba kuqhambuka umlilo, kufuneka uphume uye ngaphandle! Umsi ushushu. Ungasweleka ngenxa yokuphefumla umsi. Kengoko khasa phantsi komsi xa uphepha umlilo. Hambela phantsi futhi uhambe, uhambe, uhambe!



Khasa ngezandla zakho nangamadolo.
Musa ukukhasa ngesisu.
ligesi ezinobungozi zizikela emgangathweni.

 Khasa ngaphantsi komsi	Ewe	Hayi
1. Ukuba kuqhambuka umlilo, kufuneka:		
a. Ubaleke uye ngaphandle.	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
b. Ukhasela emazantsi phantsi komsi.	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
c. Uphume endlini ube ngaphandle.	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
2. Ingaba ukhe waziqhelanisa nokukhasela emazantsi ngaphantsi komsi kunye nosapho lwakho lulonke?	<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>